basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## NOVEMBA 2019

## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

**AMANQAKU: 80**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha asi-27.**

**EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA**

- Esi sikhokelo sokumakisha silungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Esi sikhokelo sokumakisha siza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekishwa kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

**IZIKHOKELO ZOKUMAKISHA**

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye)**.

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithandathu imibuzo (kwiNoveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. **Imibuzo esisincoko.**
   Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu.

8. **Imibuzo emifutshane.**
   **Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

9. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.

10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI/BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI. Makisha impendulo exhasayo.

## ICANDELO A: ISIHOBE

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO**

**UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

**UMLAMBO – JJR Jolobe**

Sebenzisa la manqaku alandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo. Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo. Jonga kwirubrikhi esekupheleni kwesikhokelo sokumakisha ukuhlola lo mbuzo.

**Umviwa angakachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

Kwesi sicatshulwa sombongo imbongi ithetha ngesiqalo nesiphelo somlambo. Isinika umfanekiso ngqondweni wohambo lwawo olusuka emazulwini lusiza emhlabeni. Oko ithe yakuphuhlisa ngesigama ethe yasisebenzisa kwisitanza ngasinye. Sigama eso esithe satyhila intsingiselo eyahlukeneyo yesitanza ngasinye.

- Ivula nje kwisitanza sokuqala imbongi isichazela ngemvelaphi yomlambo. Isebenzise igama umntwanana elithetha umntu omncinci linayo nentsingiselo yokuba umntwana uzelwe ngumntu. Apha linika intsingiselo yokuba umlambo uyinto encinci uvela emvuleni esuka esibhakabhakeni phezulu emafini. Ikwasichazela ukuba imvula yayihamba-hamba ngenqwelo yomoya ukubonisa ukuba kuqala kubekho umoya phambi kwemvula. Ithi xa isiza, iza inxib'ezimakhwezi, ezimhlophe qhwa ibhekisa kukuqaqamba kwamafu la akhapha imvula.
- Kwisitanza sesibini umlambo wondela ezantsi uyimvula unomdla wokundwendwela ilizwe. Uthe xa usiza ezantsi uyimvula weza ukhatshwa ngamafu amnyama nokusibekela okuza nemvula. Yonke le nquleqhu ikhatshwe yimibane emana ukubetha itsho kube mhlophe qhwa apha emhlabeni.
- Kwisitanza sesithathu ibinzana ukuwela phezu komhlaba linika uvakalelo lomlambo ngefuthe lothuli nodaka olwathi lwawangcolisa amanzi emvula nothuli lomhlaba engamanzi acocekileyo emvula kwatsho kwadaleka udaka.
- Kwisitanza sesine imbongi isebenzisa imibuzo-buciko evelisa ukuba kwindlela eya emhlabeni umlambo kukho mingeni ohlangana nayo. Iphinda imbongi ibuye iziphendule ngelithi nangona ihamba ibetheka kabuhlungu ayiyivezi le ntlungu koko ibonakalisa ngokungathi wonwabile umlambo ngokuhleka ugigitheke.
- Isigama esithi andipheleli apho kwisitanza sokugqibela imbongi isichazela ukuba uthe wakuba uwugqibile umsebenzi ubuze kuwenza kwaye uzivelele zonke iindawo emhlabeni wajika wabuyela kwikhaya layo elilizulu.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[10]**

## UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE

## 'UKWENZIWA KOMKHONZI' – JJR Jolobe

2.1 Inika intsingiselo yokuba imbongi isenokuba ibiyinxalenye yabantu ababesenziwa ukuba bakhonze abantu abamhlophe ngexesha lengcinezelo.√√/Inika intsingiselo yokuba imbongi ibubonile ubunzima bokwenziwa komkhonzi.√√/Inika intsingiselo yokuba impatho yenkatyana yedyokhwe ifana twatse nempatho yabantu ekuthethwa ngabo kulo mbongo.√√ (2)

2.2 Ngokwenza isitanza ngasinye sibe nemiqolo emithandathu.√√/Ngokwenza izitanza zilingane.√√/Ngokwenza impinda kwimiqolo emibini yokugqibela kwisitanza ngasinye.√√/Ngokwenza ukuba imiqolo emithathu yokuqala ithwale imbali, owesine uthwale uluvo lwembongi ngemeko uze owesihlanu nowesithandathu ube sisimbonono kwisitanza ngasinye.√√
(Nayiphi na impendulo kwezi.) (2)

2.3 Uphuhlisa ukusebenza nzima kwale nkatyana kuthethwa ngayo.√√/ Uphuhlisa ukusebenza nzima komntu ekuthethwa ngaye. √√ (2)

2.4 Iliso iinyembezi √ umxhel' ujacekile √ Ibe ingasakwazi nokuchasa imbuna. √
(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

2.5 Kukubonisa indlela abathe baxhatshazwa ngayo abantu abamnyama ngabamhlophe. √√/Kukukhalazela ukuxhatshazwa okwakusenziwa ngabamhlophe kubantu abamnyama ngexesha lengcinezelo kweli.√√/ Kukudandalazisa indlela abantu abamhlophe ababemenza ngayo umntu omnyama ukuba athobele igunya labo ngexesha lengcinezelo. √√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

## UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE

## INYIBIBA – JJR Jolobe

3.1 Zinika intsingiselo yokuba yayifihlakele kwindawo eyayikuyo√√/Zinika intsingiselo yokuba ixesha eli wayengazi ukuba kukho intombi entle kangaka kwindawo awayengayicingelanga.√√/Zinika intsingiselo yokuba iyagqama nokuba ikhula endaweni embi okanye phantsi kwamatye.√√/Zinika intsingiselo yobunzima bemeko/yokuthubeleza kwayo kwiimeko ezinzima zokukhula.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

3.2 Ngemiqolo emihlanu kwisitanza ngasinye kwezibini zokuqala.√√/ Ngokusetyenziswa kwesimeli nobumba esigqame kwisitanza sesithathu.√√ (2)

3.3 Uphuhlisa imvakalelo yothando oluvutha ngaphakathi.√√ (2)

3.4 'Loo nzwakazi' √/ndev'izisebesebezo emazantsi obume bam√/zindityel'ukuthi yeyam'. √
(Naziphi na ezimbini kwezi.) (2)

3.5 Kukuncoma inyibiba√√/Kukudandalazisa uvakalelo lwembongi mhla yabona le nzwakazi. √√ Kukukhuthaza iliso elibukhali kwindalo.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

**UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'INGOMA KAVELAPHI' – JJR Jolobe**

4.1 Kunika intsingiselo yokuba isithethi sinebango kweli lizwe sithetha ngalo.√√/ Kunika intsingiselo yokuba likhaya lakhe/yindawo azalelwe kuyo lo uthethayo.√√/Kunika intsingiselo yokuba othethayo unebhongo neqhayiya ngale ndawo athetha ngayo.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

4.2 Ngokwenza isitanza ngasinye sibe nemiqolo emihlanu.√√/Ngokusebenzisa impinda kumqolo wokugqibela wesitanza ngasinye.√√/Ngokusebenzisa impinda yebinzana 'sithandwa sam' kumqolo wokuqala kwisitanza ngasinye.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

4.3 Uphuhlisa ubunzima bomsebenzi abewenza.√√/Uphuhlisa ukuba uthando luphuma ngaphaya kweenzima zasemsebenzini.√√ (2)

4.4 Sithandwa sam √/Olweth'ulonwabo √/Nojenti sithandwa.√
(Nasiphi na isibini) (2)

4.5 Kukukhalazela impatheko-mbi yabasebenzi mgodini abamnyama ngexesha lengcinezelo kweli.√√/Kukubonisa ifuthe lemithetho yocalucalulo yangexesha lengcinezelo kwiintsapho zabantu abamnyama nakuqoqosho lwamaphandle.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

**KUNYE**

**UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)**

**UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE**

**UBUHLE OBUGQIBELELEYO – MG Mdliva**

5.1 Ngokusebenzisa isimeli nobumba√√/Ngokulinganisa inani lamagama kumqolo ngamnye kwesi sibini√√/Ngokwenza imiqolo emibini yokuqala ilingane ngobude.√√/Ngophindaphindo oluthe ngqo.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

5.2 Ngumfanekiso ngqondweni weliso√ kuba imizwa evuselelekayo yeyokubona/ yeyeliso√/kuba isigama esisetyenzisiweyo sikwenza ube ngathi uyibona ngeliso lenyama into ekuthethwa ngayo.√/kuba ubangathi uyibona ngeliso lenyama into ekuthethwa ngayo.√ (2)

5.3 Yingcinga yokuba ubuhle ekuthethwa ngabo kulo mqolo budala ulonwabo kwintliziyo yalowo uyijongileyo.√√/Yingcinga yokuba ubuhle ekuthethwa ngabo kulo mqolo yintokazi entle ngenkangeleko kwaye idala ulonwabo kwintliziyo yalowo uyijongileyo.√√ (2)

5.4 Imbongi ichwayitile.√ kuba ukuxokozela kweendonga zentliziyo luvakalelo lokunga imbongi ingazithethelela kulo mntu mhle√/uzibuza imibuzo engapheliyo ngobu buhle bungaka.√ (2)

5.5 Siyangqinelana kuba ukusuka kwisitanza sokuqala ukuya kwesokugqibela umbongo uthetha ngovakalelo lolwaneliseko olugqibeleleyo.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo esekwe kumbongo wonke iya kwamkeleka) (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

## UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi esekupheleni kwesikhokelo sokumakisha ukuhlola lo mbuzo.

**Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

- **Kwinoveli engolwaphulo-mthetho, ugqaliso lukukhuphiswano phakathi komntu womthetho kunye nesaphuli mthetho oludalwa kukwahluka ngezimvo ngokulungileyo nokungalunganga kuxhomekeka kwiindawo asuka kuyo okanye kwiqela labantu asuka kulo ekuhlaleni umlinganiswa omele olo luvo**.
  Olu phawu luyabonakala kule noveli kukhuphiswano oluphakathi kukaMfezeko Mapheza olipolisa eliphanda ngokubulawa kukaMsindisi Yangaphi onguSomashishini othandwa ngabantu bonke kwelo laseGcuwa. Abaququzeleli bokufa kwakhe bakwasesipoliseni kwaye bacinga ukuba bekulungile ukwenza ulwaphulo mthetho kuba imali abayirholayo esipoliseni incinci ngoko banga bangayengeza ngokwaphula umthetho besebenza nabahlali abakwangabaphuli mthetho kodwa nabo befuna imali yokuphila. OoSixaki babulala abantu ngeenjongo zokufumana imali. UMfuneko uphazamisa umthetho uhambisa imipu yasesipoliseni ngokungekho mthethweni esithi wengeza imali. UMdlambila uligqwetha elisebenza uThantaswa ingqondo lifuna avume ukuba uza kumhlawula akumnceda ngokutshintsha ubunini kwiincwadi zelifa likaMsindisi.
- **Ibali lixhaphake ukusungulwa ngesiganeko solwaphulo mthetho esihlasimlisayo. Singakukubulala okanye nayiphi na ukuze emva koko kudlalwe impuku nekati phakathi kwezaphuli mthetho nabantu bomthetho**.
  Ngokunjalo nakule inoveli, sivula ngesiganeko solwaphulo mthetho apho kubulewe uMsindisi Yangaphi. Ngoko nangoko kudlalwa impuku nekati kuba uMfuneko Mnenga iindaba zokufa kukaYangaphi zisasazwa nguye. Nguye oxelela uThantaswa ukuba abafana bawuqhube kakuhle umsebenzi wabo. UMfuneko ulipolisa lomthetho elimele ukugcina umthetho. Uthatha uxanduva lokuhlalela ukulahla umkhondo de amngene engqondweni uNqoza efuna ukuba ahiliteke ingqondo angazazi nokuba wenzani amphikise nakulo naliphi inyathelo abazama ukulithatha njengamapolisa aphandayo. Kweyakhe imbono kuya kuthi ukuze kube kulungile liphandwe nguye eli tyala aze kulidukisa njengamanye asele ewenze ngolo hlobo phantsi kwegama lokwenza i*'deal'.* Kudlalwa impuku nekati kude kwenzelwe uMapheza amayelenqe okumbulala ukuze ityala lide liwele kuMfuneko. UMapheza akungafi yityhefu, wenzelwa iyelenqe lokutshiswa ngovutha. Akusinda nakuloo vutha kuzanywa macebo wambi okummpimpa ngezinto ezingeyonyani. Kodwa umthetho ude uphumelele kuba imikhondo yalathe ukuba imipu ibithuthelwa elokishini kwaze kwade kwalungiswa wanqunyanyiswa uMfuneko emsebenzini.

- **Owona mxholo uqhuba olu didi lwenoveli ngowokuba 'ubulungisa kanti yintoni na?/wenzani umntu olilungisa kwintlalo yoluntu? Ufumanisa ukuba ilizwe lebali liphume esiporweni okanye liziintlaba zahlukane kwindlela ekutolikwa ngayo ubulungisa.**
  Xa ulimamela eli bali abantu seberhonorhono bonke ukuthathela kuMfuneko, Sixaki, Thantaswa, Nqoza, Siphongo, Mdlambila bonke balwela ubulungisa obuza kwiziqu zabo kuphela obungenanto yakwenza nesizwe siphela. Bonke, macala bacinga ukuba bantsingiselonye ngobulungisa kanti abanye benza ubulungisa kanye xa besaphula umthetho.
- **Kuba nguqulukubhode abanemipu nemali okanye enye yazo beveza amandla abo abe namapolisa kwelawo icala esithi ngumthetho onamandla. Kuloo qulukubhode abantu baphila kabuhlungu bayoyika**.
  Bona ukungcungcutheka olukwikhaya likaMsindisi nabazalana naye sibe esi sibini sigcoloda kukuvuya.
- **Eminye imixholo yolu didi ingabandakanya ukubuyisela isidima kwilizwe elinobutshilikithi/lorhwaphilizo/inkululeko yomntu omnye okanye inkululeko yeqela elithile labantu ngokuchasene nomthetho okanye inkululeko yabaninzi**.
  Kanye kanye le inoveli ijoliswe ekubuyiseleni isidima somthetho apho kunkone kanye kwiziseko zomthetho-izikhululo zamapolisa, iiofisi ezigcina amafa, isigqwetha esinoxanduva lokukhusela abantu kubarhwaphilizi kanti ngabo kanye abaza kuntywilisela isizwe kurhwaphilizo. Simbonile uMdlambila onkone etshawuza efuna esakhe isabelo kodwa nalapha umthetho uyaphumelela kuba kuthe kanti bakho abababonayo.
- **Kuxhaphakile ukubakho kolunqa malunga nokuba kanye kanye ngubani esi saphuli mthetho**.
  Kube njalo kanye kule noveli kuba kusele kuqhuba uphando lokufumanisa ukuba kanye kanye ngubani esi saphuli mthetho. Kuko okusokolisa uNqoza kuba izaphuli mthetho zidlala u'ndize' kanye nale mbono.
- **Akubikho bunzulu bunikwayo ngesenzo eso simasikizi.**
  Nakweli ibali, akukho buzaza nazinkcukacha zinzulu ngokufa kukaYangaphi kuba injongo asikokufuna mbulali kuphela koko kukuncothula neengcambu imikhuba yolwaphulo mthetho.
- **Kukho umlinganiswa ozenzo zihle osebenzisa umthetho ukohlwaya ozenzo zibi**.
  Nakule inoveli umlinganiswa omele umthetho ngulo kaMapheza othe kwiimeko ezingamacimicimi weza nesisombululo.
- **Isenzo sokubulala sisonjululwa lipolisa elinobuntu uMapheza. Oku kuphendula umbuzo othi, ingaba amapolisa aya kukwazi ukunqanda izaphuli mthetho phambi kokuba ziphinde zaphule omnye umthetho na?**
- **Umlinganiswa oyintloko/iqhawe uzimisela ukuyilungisa yonke le nto aze esakufunyanwa ohlwaywe umbulali/umenzi wobubi izinto zonke zibuyele esiqhelweni isizwe sibuye sihlalisane kakuhle ngoxolo**.
  Ekugqibeleni kule noveli bonke abophuli mthetho bohlwayiwe ooNqoza baphelelwa ngumsebenzi, ooMfuneko bagxothwa wabe uSiphongo ebezohlwaye ngokwakhe ngokubulala unyana wakhe ngezandla zakhe, imipu yabuyiselwa endaweni yayo. UThantaswa noMfuneko bafa luhlaza bebulalana kwabodwa.
- **Kolu didi lwenoveli abantu abenze ubulungisa bavuzwa ngemisebenzi emihle**. UNontsikelelo ufumana indlu ngokusindisa ubomi bukaMapheza, uMapheza yena ufumana iwonga lobucuphi ngokutyhila bonke ubugewu obulele esipoliseni nakwilokishi yalapho eGcuwa.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka) **[25]**

## UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

7.1 Hayi zange buyokozele mathamsanqa koko bagutyungelwa ngamashwa kuba uThantaswa waphunyelwa sisisu. Bathi bakuxelelwa ngokuba uThantaswa akayi kuphinda akhawulwe kwaqala ingxaki yesithembu eye yakhela umlilo wokuba abulawe uMsindisi ngenxa yokuba enganandlalifa uThantaswa nokuba uMsindisi waphela ebulawa kwanguThantaswa.√√ (2)

7.2 Kubethelela uluvo lokuba bamoya mnye eluthandweni√√/Kubethelela uluvo lokuba banebhongo ngalo mtshato wabo.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

7.3 Kube ngunobangela wokuba uThantaswa athathe amanyathelo okumgqithisa amafu uMsindisi.√√ (2)

7.4 UMsindisi udlale indima yokuba ngumsindisi ngokuthi abelixhoba lolwaphulo mthetho waze wasisifundo kwisifana esicinga ngokuthatha umfazi nakumadoda aselenabo ngokunjalo.√√/Kube ngophando lokufa kwakhe ukusinda kwabanye abantu baseGcuwa kulwaphulo mthetho obeludlangile ngenxa yezenzo zikaMfuneko nefuthe lakhe elibi esipoliseni.√√

Akayidlalanga indima yokuba nguMsindisi kuba akakwazanga ukuzisindisa ekufeni usuke wenza impazamo yokushiya umnxeba wepokoto waze wadutyulwa kuba engawuvanga umyalezo wokuba angahambi.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

7.5 Iluqhubele phambili ngokuthi amayelenqe akule noveli nempumelelo yawo aqulunqwe ngayo.√√ (2)

7.6 Sikwinqanaba lengabula zigcawu.√ (1)

7.7 Uzifake engxakini kuba ukufa kwakhe kusekwe kwindlela umyeni kaNompumelelo awafa ngayo akuba uMsindisi emazise kuThantaswa.√√ (2)

7.8 Lizisa intsingiselo yokuba uMfuneko wangxamela ukuzithetha/ukuzichaza ezi ndaba.√√ (2)

7.9 Sibhalwe ngokohlobo lweprozi√/Abalinganiswa xa bezithethela intetho yabo ifakwa kwiimpawu zocaphulo√/Ibali lithululwa ngumbhali ngokwakhe.√/ kuninzi okucaciswayo ukuquka neemeko abakuzo abalinganiswa kuba ibali lenoveli linomhlaba omninzi.√
(Nasiphi na isibini kwezi). (2)

7.10 Kwesi sicatshulwa umbhali unoluvo lokuba amaxhwele ngabantu abangenabuntu kuba uSiphongo wakwazi ukwenza iyelenqe lokubulala uMapheza ngovutha ngenxa yokuthanda imali.√√ (2)

7.11 Sisigqebelo√ Sinika intsingiselo yokuba uThantaswa uyavuya kodwa into eza kwenzeka asiyiyo le ayivuyelayo kuba akafanga uMfezeko. √/Sisigqebelo sedrama √ Sithetha ukuba uThantaswa uvuyela into esiyaziyo thina bafundi bencwadi ukuba uMfezeko akafanga kuba yena eqhathwe nguSiphongo ocinga ukuba ufile uMapheza.√ (2)

7.12 Sibe sesilindelekileyo kuba uMapheza waliphanda ngempumelelo ityala lokubulawa kukaMsindisi.√√/Hayi ibe sesothusayo kuba amandla kaThantaswa noMfuneko ebekhangeleka engaphaya kwakhe ehamba kwimingcipheko emininzi.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

7.13 Imfundiso yale noveli yeyokuba akulunganga ukunyolukela imali ngokugqithisileyo√√/Imfundiso yale noveli yeyokuba abantu bangenza nantoni na ukuzama ukucima umkhondo√√/Imfundiso yale noveli yeyokuba kukho abantu abaneentliziyo ezikhohlakele kangangokude bayibone iyindlalo into yokukhupha umphefumlo womnye umntu√√/Imfundiso yale noveli yeyokuba ityala aliboli.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[25]**

**UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***NYANA WAM! NYANA WAM!*** **– WK Thamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi esekupheleni kwesikhokelo sokumakisha ukuhlola lo mbuzo.

**Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

Le noveli ingemiba yentlalo kuba ijikeleze kwizinto ezenziwa ngabantu ekuhlaleni.

- Le noveli iphethe imbali emalunga nethemba, iinzame, intlupheko kunye nempumelelo. Kule noveli ikhaya likaThole liyahlupheka kuba uzalwa ngabantu abangenazintsiba kodwa abancami baqhutywa lithemba bade baphumelele. Oku kwenzeka ngokuthi unyana wabo obetshivele abuye ebutshiveleni aphindele esikolweni aphumelele de abe ngumfundisi.
- Kwakule ncwadi sixelelwa ngoZenzile ongubawo uMkwayi owemka emzini wakhe ngeliya kuxelenga eRhawutini waphetha sele etshiphile eGoli engazi nokuba inkosikazi nomntwana wakhe batshona phi. Babegcinwe nguFikizolo ongazalani nokuzalana nabo. UMkwayi uthi kwakutsha indlu yakhe suke acingele ukuba umfazi nomntwana wakhe batshela kuloo ndlu kube kungazange kube njalo.
- Ukushiya kukaThole ikhaya engaxelanga yenye yezinto ezenzekayo ekuhlaleni kuba baninzi abantwana abaphela bezizibhadubhadu beshiye amakhaya. Ukuxabisa ngokugqithisileyo kukaThole iitshomi kuphela ekhukuliswa nguThemba noSonwabo ukuya eBhayi nto leyo ibingenakwenzeka kumntu ongeva ngeetshomi.
- Ukusinda kukaThole ekubulaweni nguJoe neqela lakhe ngomnye wemingeni ahlangene nayo uThole kwindlela eya empumelelweni. Uncedwa kukuthi gqi kwamapolisa sele begqibe ukuba bambulale.
- Ukusinda kukaThole emilonyeni yeengonyama kubonisa mhlophe ukuba uThole wayenoThixo wakhe kuba nguye yedwa owasinda ekuqwengweni ziingonyama kube kusele iintloko zodwa kubahlobo bakhe.

- Ukuzenza kukaThole igqirha ngomnye wenzame azenzileyo ukuzikhupha kwingxaki yentlupheko abehlangene nayo eKnysna. Nalapha ugujululwa sisazela esiza sililifu lamaphupha atsho agoduke.
- Ukubuyela kukaThole kwaFikizolo libelinyathelo lokuqala lokuzikhupha endlaleni kwaza kwazaliseka ithemba likaFikizolo lokuba uyakuze ambone unyana wakhe. UFikizolo wayembona uThole engasayi kuphindela esikolweni ngenxa yobudala kwaye sele efuna nokumbonela umfazi ngelincamayo kodwa wazingisa wabuyela esikolweni lakhula kwakho ithemba lempumelelo.
- Ukuphumelela kukaThole emagqabini esikolweni nakuyo yonke into awayethabatha inxaxheba kuyo kuluphawu lwenoveli engentlalo kuba indlela ayihambileyo inde ngokwempazamo azenzileyo ebomini ezifana nokuhamba namtshivela, ukusela utywala, ukuyeka isikolo.
- Ukufumana kukaThole isipho-mali kubafundi baseUCT nakwicawe yaseWesile kumnyusela kwinqanaba elitsha elinika ithemba nelimsa kwimpumelelo.
- Ukuba ngumfundisi waseGeorge Goch yodumo kukaThole okanye uMangaliso kubonakalise inkqubela phambili nokoyisa ebunzimeni. Abefundisi abadala babengafuni kuya eGeorge Goch kuba besithi kukwasiziba yeyela. Yena wakwenza ngempumelelo ngokulobela abantu bakhona ecaweni yatsho yatshintsha imeko yabo yokuphila yentlupheko ngokomoya ababephila phantsi kwayo.
- Ukuhamba kukaThole ngomnyobo wemoto emva kwentlupheko ehlininikisayo kububungqina bokuba le yinoveli engentlalo. Umntwana okhule ehlupheka kuyakholeleka kuba abantwana abakhule behlupheka ngabona baye baphumelele kunabo bakhule kamnandi.
- Ukutshintsha kwegama alisebenzisayo elinguTholelegqwirha libe nguMangaliso. akuphumelela kube ngumqondiso wokutshintsha komgangatho akuwo.
- Ukuphumelela kukaThole de abe ngumfundisi ophum' izandla. Wayeka isikolo ngenxa yentlupheko kanti uza kufunda de ayityekeze kwezakwaLizwi nto leyo kuba wayeyazi into ayifunayo.
- Ukubonana kukaThole noyise kungummangaliso kuba besaziwa ukuba batsha nendlu yakowabo benomama wakhe uNofundile.
- Ukuvusa kukaThole ikhaya lakhe elalitshe laluthuthu walivusa laphinda lema kwaye lalihle kunakuqala ngendlela eyothusayo. Yinto eqhelekileyo kubantwana bonke abafuna ukubonakalisa umbulelo wabo kubazali babo. Batsho balusapho oluphila impilo engcono emva kwentlupheko yeminyaka.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

## UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE

### *NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa

9.1 Akazange asinde kuba naye wagxagxanyiswa ngawo ukuze emke kwalapho eKnysna√√/Akazange asinde kuba amntsentsetha waye ebhitya ngokubhitya.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

9.2 Kubethelela uluvo lokuba wayephetheke kakubi ngokomoya/ngokwasemoyeni ngala maphupha.√√ (2)

9.3 Ubesithi akusela utywala abe nesazela enze isimbonono sesikhalo ukubonisa ukuba bebumsebenza ukuba akhumbule iinjongo zakhe zobom. √√ (2)

9.4 UMangaliso udlale indima yokuba ngumangaliso ngokuthi avuse iGeorge Goch√√/UMangaliso uye wamangalisa ngokuthi abuyise uyise ekudala watshipha√√/Kube ngummangaliso ukusinda kwakhe kwingonyama selede wazisa kuyo, abanye beqwengwa.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

9.5 Ukulingana kwabo ngokobudala kukhe kwamlibazisa uThole ngokumana besenza izinto ezifana nokusela utywala kunye de wayophelela eBhayi uThole engaqondanga, lakhe laduka iphupha lokuba ngumfundisi.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

9.6 Kwelokujiya kwebali √/Kwelokuyondelelana kwebali√ (1)

9.7 Emehlweni kayise kuthe kanti wona ngokuhamba neetshomi engaziwa kowabo kwade kwacingelwa ukuba ubhubhile.√ ukanti emazulwini wone ngokuthi angalusabeli ubizo awayezikhethele lona mhla wabona umfundisi. √ (2)

9.8 Lizisa intsingiselo yokuba inqwelomoya yothule abantu/kohlike abantu kwinqwelomoya.√√ (2)

9.9 Kukubhalwa kwaso ngokweprozi √/abalinganiswa xa bezithethela intetho yabo ifakwa kwiimpawu zocaphulo √/Ibali lithululwa ngumbhali ngokwakhe.√/ kuninzi okucaciswayo ukuquka neemeko abakuzo abalinganiswa kuba ibali lenoveli linomhlaba omninzi.√
(Nasiphi na isibini) (2)

9.10 Umbhali kwesi sicatshulwa unoluvo lokuba abefundisi ngabantu abanobungcwele kuba umveza ngathi uThole ufunwa ngumntu wonke kuba engumfundisi obukekayo.√√ (2)

9.11 Lubaxo√ oluthetha ukuba iiqhiya zazininzi.√ (2)

9.12 Sesilindelekileyo kuba ngokwenjongo yebali yokumenza iqhawe uThole, bekuyimfuneko ukuba uThemba angabikho nefuthe lakhe lobutshijolo ukuze uThole ade athathe izigqibo ezizizo √√/Sesilindelekileyo kuba uThemba owayenunusa uThole ngotywala waqwengwa zingonyama sibeke eso sisiphelo setshijolo kakade√√/Sesothusayo kuba kwakungacingelekanga ukuba uThemba uya kufa ngokumasikizi ngolu hlobo.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

9.13 Kubalulekile ukuba uthi wakusithatha isigqibo usilandele.√√/ukwenza okuhle ebantwini kunomvuzo.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[25]**

**UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi esekupheleni kwesikhokelo sokumakisha ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:
Iinoveli ezingopolitiko zinezi mpawu;

- **Iinoveli ezingopolitiko zisekwa kwimbali neemeko ababephila kuzo abantu ngenxa yengcinezelo.**
- Le noveli isekwe kwimbali yendlela ababephila ngayo abantu eMzantsi Afrika ngexesha ekwakulawula abamhlophe. Kusetyenziswe ilali yakuQaka nedolophu yaseBholo kwaze kwabaliswa ngeemeko abaphila kuzo abantu ezifana nokubanjwa xa befunyaniswe bebukuyikhalazela impathekombi yelo xesha. Isipolisa selo xesha besigcadiya xa sibamba umntu ongenatyala. Besisebenza sibile xhopho sizama abantu abaza kuba ziimpimpi zabo ngokubaxhaphaza, ngokubathenga ngemali kwanokuthengisa ngabo kwezinye iimpimpi abasele bezifumene. Abo sele beziimpimpi bebesetyenziswa ukuxhaphaza abo babonakalisa iimpawu zobuthandazwe ukuze bawele kulo mgibe. Enjenjalo la mapolisa ukuchitha uMfazwe noFriday abebesaziwa bengabahlobo de kwachitheka ubuhlobo bukaMfazwe noNokuzola busetyenzwa kwanguFriday othengiweyo.
  Kukhula ukungathembani kwabantu bade batshiselane nemizi okanye amakhaya phantsi kwegama lobumpimpi.
  Imingcwabo yabo bathe bawela emfazweni ngokubulawa kwangala mapolisa iqhubeka phantsi kweemeko ezingamacimicimi njengoko kwenzekile kokaMachule obebulawelwe entilongweni kwangawo, kodwa abantu bangapheli mandla balwe baye phambili. Kulapho kanye apho kuqhambuka obunye ubuthandazwe.
  Baphila kwiimeko ezinobungozi zokukhangelwa beza kubulawa.
  Ngelo xesha abantu bebezisindisa ngokubhaca baye kwiindawo ezifana nooMthontsi. Basinda ngamacimicimi ukuze bakwazi ukufika nakuloo Mthontsi.
- **Iinoveli ezilolu hlobo zigqamisa ukulwela impathekombi phantsi kwesandla sengcinezelo, kungenjalo ukungabikho kobulungisa. Zityhilela abafundi bazo ukubaluleka kokukhalaza okanye ukunyamezela. Iimeko ezisekwa phantsi kwazo lucalucalulo ngokobuhlanga.**
  Yiyo le nto kugqanyiswa ubuBhulu xa kuthethwa ngesipolisa kule noveli. Ufumanisa nolwimi olu ilulwimi olulushica, ulwimi lwendelelo apho kubakho ukujongelana phantsi phakathi kwamapolisa nabahlali bejajulisana.
- **Umlinganiswa oliqhawe wenziwa ukuba makenze izenzo zobuthandazwe de abeke ubomi bakhe esichengeni ngenxa yokulwela inkululeko.**
  UMfazwe kule noveli ungumlinganiswa oliqhawe owenziwa ukuba makenze izenzo zobuthandazwe de abeke ubomi bakhe esichengeni ngenxa yokulwela inkululeko. Ubomi bakhe buba sesichengeni xa ebanjwa ngamapolisa kuba kusithiwa unyola umbuso okanye ungcatsha umbuso de abizwe ngokuba ngungcothoza kodwa angajiki.

Ulwela inkululeko yabantu abamnyama ekwenza oku phucukileyo ngezifundo zembali nanjengatitshala efundisa ezembali eFunda- uphawu olugqamileyo ngetitshala zelo xesha.

Amapolisa azama uMfazwe ukuba abe yimpimpi, emthembisa ngezulu nomhlaba kodwa akavumi aze akungavumi amapolisa amngcungcuthekise ngokumbetha, amkhwelise ngemva evenini nenja yamapolisa eyayimluma kuba enethemba lokuba uza kude ajike kwisigqibo sakhe kodwa afa namthanyana. Amgungxisa ingxowa enuka umchamo kuba efuna avume ukuthengisa- ngokuthi abe yimpimpi yawo.

Kutshiswa indlu yakowabo kuba kusithiwa ngungcothoza iyindlela leyo yokumenza ukuba ade avume. Oku kumenza ukuba angabinandawo yokuhlala nampahla zakunxiba. Abazali bakhe akabazi nokuba baye kutshona phi kodwa neso isiganeko asimthinteli uyazingisa.

Ukukhululwa kwakhe ejele ufika kwilali yakhe kuQaka sele uFriday olutshaba lwakhe esasaze iindaba zokuba uyimpimpi uMfazwe, abe sele esenziwa ikheswa, abantu bacezele kuye. Akasahlonitshwa nangabantwana besikolo aba ebebafundisa.

UMfazwe uya kwintlanganiso eseholweni ngeliya kuhlamba igama lakhe lokuba uyimpimpi phofu engenazinjongo zokuliyeka idabi eli aliqalileyo waphuma apho ngokubethwa ejikelwe ngabantu bakwaQaka.

Ubalekela emangcwabeni nalapho enze isigqibo sokuphindela kowabo. Uzama ukufuna ukhuseleko kwatata uGaba ongummelwane afumanise ukuba uFriday namahlakani akhe basezithendeni zakhe.

Uthi sele efumene igwiba lokuzimela kwimoto endala, abone ooFriday, athathe isigqibo sokubhacela kwaninalume eSihlahleni.

Ngabusuku buthile akubona abantu bevaleleke kwiCresida etyheli bencwina kabuhlungu uzama ukubasindisa eqonda phofu ukuba ukumila oku kwaso esi senzo singumsebenzi wezandla zikaFriday namahlakani akhe.

Usuka apho ungqala kwamfundisi uHlathi othi akubona ukuba ubomi bakhe busesichengeni amcebise ukuba makalifulathele elokuzalwa kwakhe aye elubhacweni atsho alifulathele.

Uya elubhacweni eMthontsi sele eneenjongo zokulwela inkululeko afike azimanye nombutho oyiNtsimb'ebomvu olwela amalungelo abantu. Akubilula ukuya apho indlela eya khona inokufa phakathi. Apho ufumene ukudutyulwa nezenyeliso zokuba yimpimpi nguKhuzwayo kodwa kunjalo akajiki kuba wayeselexolele nokufa kuba eyona njongo yakhe ibikukukhulula abantu abamnyama embandezelweni yocalucalulo.

Sele eseMthontsi, kwiqela leNtsimbi ebomvu, bebekhe bahlaselwe sisipolisa kuba bebonwa njengabavukeli mbuso. Ngenye imini bahlaselwa emini kwabhubha inyambalala yabantu kodwa uMfazwe wakwabasindileyo.

Ubhujelwa ngabazali uMfazwe eseselubhacweni angakwazi ukuza kubangcwaba ngenxa yesigqibo sokungajiki kolu hambo lwaselubhacweni anyanzeleke ukuba asithathe kuba oko kwakubeka ubomi bakhe esichengeni.

- **Kolu didi lwenoveli kwisiphelo izinto ziyatshintsha kuthi ngoku bekusiliwa kubekho uxolo kuze oko bekuhamba kakubi kulunge maxa wambi ngenxa yokunikezela okanye ngothethwathethwano**.

Ukubuya kukaMfazwe eMthontsi kungqamana nokuvulwa imilomo kwemibutho yezopolitiko, afike kwaQaka kusithiwa uyafuneka kwiingxoxo eziseRhawutini.

Bayakhululeka abantu uMfazwe uba yijaji kwityala likaFriday, lo wayesasaza ukuba yena Mfazwe uyimpimpi, de wasisigculelo sengcinezelo ngokungeniswa kugxagxamiso olungaphaya.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UKHOZI OLUMAPHIKO*** **– N Saule**

11.1 Zange igqibelise yaqhuba yavela kumatyeli amaninzi awayesengxakini ngawo aquka imini eyamsindisa ngayo kwirhamncwa.√√/mhla wayechanwe emlenzeni yimbumbulu ooNtshebe babona ngenja ukuba kukho umntu owenzakeleyo.√√/mhla inja yaqubisana nenyushu eyayinokumhlasela.
(Nayiphi na kwezi) (2)

11.2 Ubethelela uluvo lokuba uziva esenza into engafanelekanga xa engalazi ikhaya lakhe ngenxa yokuba lalitshisiwe lingasabonakali/lubethelela uluvo lokuba wothukile kukuba kuthi kanti wayengasenalo unxibelelwano nekhaya lakhe kuba lalingasekho.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

11.3 Oku kutsha kumenze akabi nakhaya waze wanyanzeleka ukuba abhace kanti kukoluswa okanye kukuqala kokusukwa kwakhe oko ukuba ade abe uyijaji ekupheleni kwebali.√√ (2)

11.4 Ube lihlathi kuMfazwe kuba uMfazwe waye wahlala kwaMfundisi uHlathi ngoku ikhaya likaMfazwe belitshisiwe.√√/kuba uxelele uMfazwe ukuba abhace xa ezibona ukuba akasakwazi kumkhusela ngelimnika indawo eya kumkhusela. √√ (2)

11.5 Imoto etshe nabantu isetyenziswe njengesizathu sokuba bakaqhutyelwe ekubhaceni uMfazwe kuba kufuneka angasuleleki lityala lokufa kwabo.√√/uMfazwe wakhweliswa kwimoto eyayiqhutywa ngumfo omfutshane, amapolisa aza alibaziseka awambona baze begqitha kuwo bengaqhatshelwanga.√√/ngeli xesha abhacayo ulayishwa yiveni yamapolisa aseThongo ihambe naye isithutyana esingephi imise ithi makaphele emehlweni, abe uyasinda ekubanjweni aqhubele phambili nokubhaca kwakhe/ukuzimela kwakhe emotweni aze abone ooFriday ukuba basemva kwakhe√√.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

11.6 Kwelokuyondelelana kwezinto√/Kwelokujiya kwezinto√ (1)

11.7 Kwathi kanti litshiselwa ukuba kucingwa ukuba sele engenile kubumpimpi.√√ (2)

11.8 Lizisa intsingiselo yokuba eli rhinkcela lomfo laye lanyamalala.√√ (2)

11.9 Kukubhalwa kwaso ngokweprozi√/abalinganiswa xa bezithethela intetho yabo ifakwa kwiimpawu zocaphulo√/Ibali lithululwa ngumbhali ngokwakhe.√/ kuninzi okucaciswayo ukuquka neemeko abakuzo abalinganiswa kuba ibali lenoveli linomhlaba omninzi.√
(Nasiphi na isibini) (2)

11.10 Umbhali kwesi sicatshulwa unoluvo lokuba amaxhwele ngabantu bokuhlonitshwa. Basindisa abantu kwiimeko ezingaphaya kolawulo lwabo besebenzisa izinto ezikhangeleka zingunobenani nanjengoko olu fele belungahoywanga mntu.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

11.11 Sisifaniso√ Sithetha ukuba mabaqinisekise ukuba oko bafuna ukukwenza kwenzeka ngethuba.√ (2)

11.12 Sesilindelekileyo kuba ukusinda kukaMfazwe kumahlandinyuka obomi kuye kwanika ithemba lokuba ekugqibeleni idabi lakhe lengcinezelo liza kuphumelela√√/Sesothusayo kuba kuye kwatyhilwa ukuba yena Mfazwe unomntwana onguZubuye kuNokuzola.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

11.13 Yimfundiso yokuba ekunyamezeleni kukho umvuzo√√/Yimfundiso yokuba umbuso wengcinezelo ubahluthe amalungelo abo abantu abamnyama.√√/ Yimfundiso yokuba akho amatshantliziyo ayilwa ngempumelelo ingcinezelo√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[25]**

**OKANYE**

**UNCWADI LWEMVELI**

**UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi esekupheleni kwesi sikhokelo sokumakisha ukuhlola lo mbuzo.

**Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

Iintsomi ezingemvelaphi yezinto zendalo zilanda imvelaphi yezinto ezithile kwindalo, izixhobo ezisetyenziswa imihla ngemihla luluntu kunye neendidi ezithile zokutya. Kudala zazisetyenziselwa ukuphendula imibuzo ababenayo abantu ngemvelaphi yaloo nto kubaliswa ngayo. Abalinganiswa ingazizilwanyana, amagongqongqo, izigebenga okanye abantu abenza imimangaliso. Ziintsomi ezinemilingo kodwa kunjalo zishiya imfundiso engumangaliso. Isohlwayo sifunyanwa ngokungahloniphi enye indalo. Azinambophelelo yokuba iziganeko mazehle njani.

**Iintsomi ezingemvelaphi yezinto zilanda imvelaphi yezinto ezithile kwindalo.**

Kwiindidi ezikhoyo zeentsomi 'intsomi yolovane' ingena phantsi kodidi lwentsomi engemvelaphi yezinto zasendalweni, kuba inika imbali ngemvelaphi yemibala yezilwanyana kunye nalowo ujikajikayo wolovane.

- Nangona le ntsomi ingokukhetha kwezilwanyana imibala kodwa owona mxholo igxile kuwo, ngowemvelaphi wokujikajika kwemibala olunayo ulovane njengoko nesihloko sentsomi singolovane.
- **Kwezi ntsomi abalinganiswa ingazizilwanyana**. Kule ntsomi sibaliselwa ngezilwanyana ezazithe bhazalala ziyokukhetha imibala kwintlanganiso eyayibizwe nguMdali.

- Umbalisi usebenzisa ilungelo lokuzikhethela ukuze siqonde ukuba akuzange kubekho silwanyana sinyanzelwayo ngombala esinawo koko zonke zayekwa ukuba zizikhethele emva kokuba zicaciselwe ngokubaluleka kokukhetha ngokukuko.
- Izilwanyana zazisithi zakugqiba ukukhetha imibala yazo ziye kupapasha phandle ngombala lowo ziwukhethileyo, zinika nezizathu zokhetho, ibe yimincili nemivuyo kuvuyiswana nazo.
- Ibe nguwashiywa kwizilwanyana zakuqwalasela ukuba imibala iyaphela.
- Isilwanyana iqwarhashe sakhetha umbala omhlophe nomnyama ngenjongo ethi asilindelanga kuhle kodwa ebomini silindele nokubi, yachaza nendlela emayibe yiyo ibe ngokohlobo lwemigca yiyo loo nto iqwarhashe linombala omhlophe onemigca emnyama nje.
- Isele lakhetha umbala oluhlaza yaka kuba lisenzela ukhuseleko mhla kwaphela amanzi edamini waze umbala walo wafana nengca ukuze lisinde kutshaba lwayo inyoka.
- Elinye isele lakhetha ubumdaka kuba lifuna ukufana nomhlaba ukuze lingabi sisulu sokubulawa emakhaya ngabantu.

- **Ziziintsomi ezinemilingo kodwa kunjalo zishiya imfundiso engumangaliso**. Kuye kwashiyeka isilwanyana esinye kuphela ulovane lungade luthathe sigqibo kuba lwathi luyifuna yonke imibala.
- **Isohlwayo sifunyanwa ngokungahloniphi enye indalo**.
- UMdali wayithatha imibala wayifaka kuzo zonke izinto azidalileyo, ulovane lwalumana lufika lujike lube luhlaza, kwiintyatyambo lifane nazo.
- Nanamhlanje ulovane kuphela kwesilwanyana esithi sisakuhlala kuloo nto sijike umbala sifane nayo ngokwemibala yendalo ngenxa yokungakwazi ukuthatha isigqibo esipheleleyo kwangethuba.

**Isibongo**

Izibongo ezingamaqhawe zibonga iinkosi, amagorha, iikumkani nabanye abantu ababalulekileyo esizweni. Zinenjongo yokuncoma, ukugxeka nokubuka iqhawe elo. Zinika imbeko zenze nombulelo. Zixela imisebenzi eliqaqambe ngayo iqhawe kwanegalelo lalo. Zingathetha nangoxanduva elinikwa iqhawe elo nenkangeleko yalo. Ziyathanda ukulanda umnombo weqhawe elo libongwayo. Zithanda ukusebenzisa izikweko ezayame kwizilo.

- **Izibongo ezingamaqhawe zibonga iinkosi, amagorha, iikumkani nabanye abantu ababalulekileyo esizweni**. Isibongo esithi 'Enkosi Steve Biko' sisibongo esingeqhawe kuba sibonga iqhawe lomzabalazo elingu Steve Biko.
- **Zinenjongo yokuncoma, ukugxeka nokubuka iqhawe elo. Zinika imbeko zenze nombulelo** Kwisibongo esithi 'Enkosi Steve Biko' imbongi apha iyancoma, ibulela, ityibela imisebenzi emihle neyobuqhawe eyenziwe ngulo kaBiko nanjengoko umbongo umkhankanya njengelinye lamathandazwe abuyise uMzantsi Afrika.
- Ngangendlela ezele ngayo imincili imbongi ide izibuze umbuzo wokuba yintoni unobangela wokuba imthande kangaka lo mntu ingazange imbone nokumbona nje. Iphinda iziphendule ngelithi unobangela zizinto ezifundileyo nezinkulu ezenziwe nguSteve zokuhlangula isizwe nokusisindisa kumarhamncwa ayejonge ukusiqwenga siphele.

- **Zixela imisebenzi eliqaqambe ngayo iqhawe kwanegalelo lalo**.Imbongi kule misebenzi ayenzileyo lo kaBiko ibalula ukulwela kwakhe isizwe esiNtsundu, ukusindisa inkedama emlonyeni wengonyama.
- Kuyo yonke le misebenzi mikhulu ayenzileyo lo kaBiko ude waqwela ngokuncama obakhe ubomi ebuncamela isizwe sakhe.
- **Ziyathanda ukulanda umnombo weqhawe elo libongwayo.** Nakulo mbongo imbongi iyamthutha imlanda njengoNokwindla, umGcina, uTyhopho, uXhamela.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

13.1 Wabaleka.√√ (2)

13.2 Kutyhila ukuba bakholoselene√√/ukuba abanyanisekanga omnye komnye.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

13.3 Ukuthetha kwezilwanyana√ Isiphelo sentsomi esithi phela phela ngantsomi.√ (2)

13.4 Lenze ukuba uDyakalashe aphumelele kuqala ukuze achewuke aliphinde ukuze aphoxeke xa ekrotyelwe.√√ (2)

13.5 Ungumlinganiswa onamaqhinga√ kuba ukwazile ukuqhatha uMvolufu ngokuzenza ngathi ulunywa sisisu ukuze uMvolufu abaleke aye kukha igqabi kanti ufuna ukushiyeka esitya inyama yakhe.√ (2)

13.6 Wenze ukuba uMfene angalithathi iqhinga lokungawuphathi umphako, aqhale xa kuqhalwa, liphanze icebo lokuya kukha igqabi.√√ (2)

13.7 Sikwinqanaba lovuthondaba√ (1)

13.8 Sesilindelekileyo kuba uDyakalashe akamntu ukhe aphumelele kuphele kumaqhinga akhe√√/Sesothusayo kuba bekulindeleke uDyakalashe aphumelele kumaqhinga akhe kuzo zonke izilwanyana, kodwa khange aphumelele kuMfene.√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

13.9 Kukucela indlebe.√ (1)

13.10 Ngumfanekiso ntelekelelo wevumba elinganyamezelekiyo lezidumbu zabantu ababhubhileyo/wevumba labantu ababesithi noko befile bangabi nakungcwatywa kuba imfazwe yayinzima.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

13.11 Liqaqambisa ukunika/ukunikisa ngento ngeenjongo zokuzuza√√/Liqaqambisa ububele ekwakunikwana ngabo iinkomo.√√/liqaqambisa indlela olwadalwa ngayo uxolo.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

13.12 Ngenjongo yokubonisa ukuba le ntaba yalwelwa/kwaphalala igazi kuyo√√/ Ngenjongo yokubonisa ukuba kutheni kufuneka amaXhosa ayihloniphe le ntaba.√√/ngenjongo yokubonisa ubuninzi begazi labantu elaphalala kule ntaba ngexesha eyayisilwelwa.√√/bubonisa imvelaphi yebango lamaXhosa kule ntaba.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

13.13 UMdali makolul'isandla sokunene ayiphulule √/Ukuze imishologu namashwangusha ayityeshele.√
(Nayiphi na kwezi) (1)

13.14 Ngowokuba amaXhosa anebango kwiNtaba kaNdoda√√/Ngowokuba mayihlonitshwe iNtaba kaNdoda luluntu/Ngowokuba amaXhosa mawayinqule iNtaba kaNdoda.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

## UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

### *BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
  Jonga kwirubrikhi esekupheleni kwesikhokelo sokumakisha ukuhlola lo mbuzo.

**Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

Uthando kule drama lube ngunobangela wokugilana kwezimvo okuthe kwakhokelela kwimpixano phakathi kwabalinganiswa nto leyo ethe yakhokelela kwiziphumo ezibi eziquka inyhikityha yokufa.

- Uthando lukaMaGaba kunyana wakhe lumenza acinge ukuba into ethandwa nguye nonyana wakhe woyithanda ade abe kwiqondo lokunyanzelisa umyeni ukuze umyeni aqweqwedise unyana nto leyo eye yakhokelela kwimpixano emandla phakathi kukaGugulethu nabazali bakhe.
- Eyona nto ithi iyikhulise ngakumbi impixano kukuma kukaMaGaba aqine kuba efuna intombi kaMcothama uThobeka ayithandayo itshate noGugulethu.
- UZwilakhe uyathoba kuba ke naye egrogriswe nguMaGaba ngokubeka ubudoda bakhe esikalini xa enokoyiswa ngulo mcimbi. Oku kwenza uZwilakhe athi esiva macalonke ukuba uGugulethu uthi lo mcimbi wentombi mawuyekelwe kuye kuba ezazi yena ukuba ikhona intombi esenyongweni kuye enguNomaMpondomise azimisele ukuyitshata. Impixano iye yondela ngakumbi nangakumbi kuba ecaweni sibona uGugulethu ebophe isandla sakhe kuba engafuni kutshata noThobeka.
- Ukungaboni ngasonye kwabazali nabantwana babo ngomba wothando kube ngunobangela wongquzulwano olubanzi phakathi kwabo.
- Ukwamkelwa kwesicelo sikaGugulethu nguNomaMpondomise kokona kwenze ukuba angqishe ngonyawo noGugulethu kwelakhe icala engafuni kwahlukana nomntu osenyongweni kuye nambona njengoyena ndofanaye kuko okuthe kwayenza yakhula ngakumbi impixano.
- Ukukhupha kukaNomaMpondomise iinkomo zikaMcunukelwa ebesele elotyolwe ngazo kuba esithi akamthandi kwaye exolele ukuba lihlazo nokuhlupha abazali bakhe kunokuba endele endodeni angayifuniyo kube ngunozala wempixano phakathi kwakhe nabazali.
- Iindaba zokutshata kukaGugulethu ezipapashwe kwiphephandaba iMvo zabaNtsundu elifundwe nguNomaMpondomise zimenze wanempixano yangaphakathi kwaye ziye zamkhathaza emphefumlweni kuba ebecinga ukuba uza kungenisa iinkomo zikaGugulethu njengoko ekhuphe ezikaMcunukelwa.
- Impixano yangaphakathi kuNomaMpondomise iye yathatha olunye unyawo kuba uncame ngokuzeyelisele emlanjeni eMthatha xa ephoxwa nguGugulethu ebecinga ukuba uza kutshata naye.

- Impixano yangaphakathi nothando lwakhe kuNomaMpondomise ongasekhoyo iye yondela ngakumbi kuGugulethu kuba ubonakala ngokuzila ikhaya, anxibe iimpahla ezimnyama, iminyaka ede yadlula kwishumi elinambini, ome emqaleni kuZwilakhe obefuna ukumfuthanisela ngomfazi angamthandiyo.
- Isenzo sokuthumela uThobeka eMthatha kuGugulethu ongazange amthande nabantwana bakhe abathathu idala ungquzulwano olumandla kude kukhokelele kwinyhikityha yokufa, isiza ngoGugulethu othe wagawula ngezembe abantwana. Isenzo esi senza sikholelwe kukuba kwayena, waphumayo kwisiporo sengqondo ezinzileyo ngenxa yoxinzelelo lomphefumlo oluzalwa kukuchukumiseka ngenxa yothando.
- Le mpixano noku kuphazamiseka ngokwengqondo kukaGugulethu okwenziwe luthando olungazenzisiyo ngumqondiso wothando olungenamida.
- Ukunyanzeliswa kwesiko lokubonelwa ngabazali abantwana bengathandani kube ngunozala wempixano ekule drama.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

## UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE

### *BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa

15.1 Buzani kubawo! Buzani kubawo! Bawo! Bawo! Bawo!√√ (2)

15.2 UMzamo uzincamile waya kubazali bakaGugulethu wabathethisa ecebisa nokucebisa ukuba bayiyeke le nto wade washiya elithi isala kutyelwa sibona ngolophu.√√ (2)

15.3 Kukungavumi kukaGugulethu ukwenza izibhambathiso zokutshata uThobeka azinikwa ngumfundisi ngeli xesha uZwilakhe abetha ngenqindi phantsi ukuba akazi kuzala umntwana agqibe amlawule√√/Kukuthi uZwilakhe evuma ukuba akazange avane nalo mfana kwamhla mnene ngalo mba kodwa aqhube amnyanzele ngokutshata agqibele ngokumtshatela xa engafuni ebophe isandla.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

15.4 Kukulo mtshato apho uGugulethu waphuma impuhlu, wazivakalisa, wazibonakalisa ukungahambisani kwakhe nokutshatiswa noThobeka√√/ Kukulo mtshato apho uMzamo wabulawayo kwaze ukufa kwakhe kwangunobangela wokukhutshwa kwenqaku lephephandaba ngalo mtshato√√/Kukulo mtshato apho kwakukho iintatheli ezathatha imifanekiso zaze zakhupha inqaku elithi uGugulethu utshate noThobeka√√/ Kukulo mtshato wale mini apho uphazamiseko lwengqondo lukaGugulethu luye lwathatha unyawo.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

15.5 Asetyenziswe ngenjongo yokubonakalisa ukuba kukho into embi eza kwenzeka.√√ (2)

15.6 (a) Ngumbalisi√
(b) Sifumana ulwazi ngentshukumo kaGugulethu√/Ngovakalelo lukaGugulethu√/ngecala ajonge ngakulo uGugulethu ngeli xesha athethayo √
(Nayiphi na kwezi) (2)

15.7 Sekukhutshwe iinkomo zelobola√/uGugulethu utshatelwe nguZwilakhe kuba akavumanga ukutshata ebophe isandla√/uGugulethu ulifulathele ikhaya lakhe iminyaka eli-12 angafuni kubuya sele eyolandwa√/uNomaMpondomise wazeyelisela emlanjeni √/uGugulethu noNomaMpondomise batshate owabo umtshato enkundleni √/uGugulethu oko waba phantsi koxinzelelo ubonakala eshiywa naziingqondo√/Ukubhubha kukaMzamo.√/Ukusweleka kukaMaNyawuza.√
(Nasiphi isibini kwezi) (2)

15.8 Sisiganeko sokubulala uThobeka nabantwana bakhe.√√ (2)

15.9 Achanekile kuba wamlahla ngokuthi makatshatise unyana wakhe nentombi angayifuniyo.√√/Achanekile kuba uZwilakhe uyazisola ngokungaphulaphuli abantakwabo xa sele kukho inyhikityha yokufa unyana wakhe eza kuxhonywa.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

15.10 Ndiyangqina kuba uqhutywe kukululama okungenamida ukuba avume ukuya kuGugulethu nabantwana abaziyo ukuba ayingobakhe.√√ (2)

15.11 Yintlekele√ kuba umdlalo oyintlekele ubonakala ngokuthi ube neziganeko ezimanyumnyezi eziquka ukubulawa kwabantu nesiphelo esibi.√ nakulo mdlalo kuxhaphake iziganeko ezimanyumnyezi eziquka ukufa nokubulawa kwabantu nesiphelo esibi √ (3)

15.12 Ngumyalezo wokuba mabathathelwe ingqalelo kuba kungathi kanti bayingozi kubo nakwabanye abantu.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[25]**

## UMBUZO 16: UMBUZO OSINCOKO SONCWADI

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi esekupheleni kwesikhokelo sokumakisha ukuhlola lo mbuzo.

**Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Indlala idlale indima enkulu ekudaleni impixano kule drama.Isetyenziswe ukuze idale iyantlukwano ngokweembono zokuphila phakathi kukaMaqhikizane nomthetho omelwe sisipolisa neenkundla nabantu abatsha abafuna umsebenzi. Kwelinye icala idale iyantlukwano phakathi kukaMagrazula olixhwele nomthetho omelwe sisipolisa nabahlali abachaphazelekayo. Oku kwenze ukuba abafazi abasetyenziswa nguMagrazula bebe iintsana zabahlali.

- Kuzo zozibini ezi zakhiwana kugqubа impixano yangaphandle neyangaphakathi. Izithako ezisetyenziswayo zempixano kusetyenziswa ulwimi olunqungunqungu oluqulethe ukuqumbelana, ukufungelana, ukulwisana, inzondo nezenzo ezizilandelayo. Itsho impixano ibe ngunobangela wokuqhubeka kwebali.
- Kwisakhiwana esiqhuba ngoMagrazula sivula nje kubonakala impixano yangaphandle apho isipolisa siphazamise iphulo likaMagrazula lokuthatha iintloko zabantu. Oku kwenza ukuba uMagrazula atshintshe unyawo atshintshele ekubeni iintsana.
- Ngoko nangoko lo msebenzi ufune isakhono sabafazi bona bengenakucingeleka ntweni imbi xa bephethe njee iintsana. Oku kubiwa kweentsana kumthatha uMamQhinebe nomaGatyeni kubafake kwimeko yokungaqondakali kubantwana babo.
- Luyakhula uthanda naphakathi kwesi sibini singuMaGatyeni noMamQhinebe kuba xa engavumi uMaGatyeni ukumlandela uMamQhinebe, uMamQhinebe ubhenela ekumgrogriseni ngokufuna zonke izinto awayemnike zona uMaGatyeni. Ngenxa yokungakwazi ukuzibuyisa ezo zinto zikaMamQhinebe akwabikho cebo limbi ngaphandle kokuwela emgibeni.
- Ngenxa yendlala, uMamQhinebe noMaGatyeni bayagoba bagobele kumkhwa wokuba nokuxhwila iintsana bazithengisele ixhwele elikhohlakeleyo elinguMagrazula. Oku kubaphixanisa nabahlali kwizihlandlo ngezihlandlo apho beba abantwana bade babe bafikelele ekubanjweni. Baphumelela nje ekubeni usana lokuqala okukhokelele kwingxabano enkulu kwaMakwedini kuba yayingumtwana wabo wokuqala lo ubiweyo emva kokusokola iminyaka elishumi elinesibini bezama.
- Isicaka sikaMagrazula sisebenzise ubuhlwempu bukaMamQhinebe noMaGatyeni ukuze afumane oko akufunayo. Into ekhwankqisayo yeyokuba uMamQhinebe noMaGatyeni besenza oku kungcola nje bangoomama bomanyano nto leyo ingavumelaniyo.
- Baphetha bebanjwa uMamQhinebe noMaGatyeni ngenxa yesenzo sabo solwaphulo-mthetho esibangelwa yindlala.
- Kwelinye icala, kwangenxa yale ntlupheko, abantwana bathi bakugqiba ukufunda phantsi kobo bunzima, bahlangabezana nobunzima bokungafumani misebenzi. Urhwaphilizo oludlangileyo kwiiofisi zikaRhumente lubenza bafumane ubunzima ngabantwana babo ukuze bade babe banikwa ingqwalasela.
- Oku kudala ukungevani phakathi kukaMamQhinebe noSiqhiwu ngenxa yokuba uMamQhinebe ukhetha ukunyoba abe uSiqhiwu engakufuni nokuva ngako. Oko kumenza uSiqhiwu axolele ukufa esilwa lo mkhuba. Ukulwa kwakhe kumenza enze iinzame namayelenqe okubambisa uMaqhikizane.
- Iinzame zakhe ziquka utyelelo lukaSiqhiwu noSiphokazi oyintombi kaMaGatyeni kwii-ofisi zikaRhulumente beye kufuna umsebenzi. Apho bazibonele ngawabo amehlo urhwaphilizo oluqhutywayo. Bathi bakufika umqeshi kaRhulumente wanyanzelisa efuna ukunyotywa ngemali, wafuna nokuba yona intombi kaMaGatyeni itshate naye ukuze loo nto yenze ukuba bawufumane lula umsebenzi.
- Oku kunyusa ungquzulwano kuba mhla uSiqhiwu aye kwiiofisi zamapolisa akanikwa thuba de abe uthetha noKheneli Sibane obengaziboni ezi zinto ngalo lonke eli xesha. Ngezabatha azibekelwa nguSiqhiwu umchasi wakhe, uMaqhikizane uyabhajiswa kanye enezandla ezinkone lurhwaphilizo.
- Ufunyanwa enetyala umqeshi abanjwe.

Zikho ke neemeko apho kubonakala impixano yangaphakathi

- UMaGatyeni, ngenxa yendlala ukhe abe namaxesha okungazi ukuba akhethe ulwaphulo mthetho na kunebhatyi yakhe yomanyano.
- Kukwalapho nokungazi kuMamQhinebe ukuba akhethe indlala na nokuba ebe iintsana kodwa indlala iqatsele ukumenza athathe izigqibo ezimsa eweni.
- USiphokazi naye uxakiwe ukuba akhethe ukuqoma uMaqhikizane nokuba akhethe imali. Oko kucaphukisa uSiqhiwu atsho akhangele cebo limbi lokumbhabhisa uMaqhikizane.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

17.1 Unokuba ungcono wena. Mhlawumbi uyayazi nencasa yabo obo tywala uthetha ngabo√√/Mhlekazi torho ...√√ (2)

17.2 Unqande uSiphokazi ukuba angangeni kule nto kaMaqhikizane√√/unqande unina ukuba angamniki imali yokunyoba.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

17.3 Amazwi avela kuSithonga ajongela phantsi√√/ukunqanda ngandlela zonke ukuba uSiqhiwu angadluleli kuKheneli Sibane√√ nokunganikezeli kukaSiqhiwu.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

17.4 Ukutyhuluba kukaSiqhiwu ngale mini ikwisicatshulwa kwenze ukuba ade afikelele kuKheneli waze wabanjwa uMaqhikizane √√/Isehlo sale mini sibe negalelo ekubhentsisiseni ubuqhopholololo nolwaphulo mthetho oluqhubekayo kwiiofisi zikaRhulumente.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

17.5 Kukubonakalisa ukuba uSiqhiwu uyacenga.√√/Kukubonakalisa ukuba uSiqhiwu uvakalise ukukruquka kukuvalelwa.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

17.6 (a) Ngumbalisi√
(b) Ukubonisa ukuba ngubani ongenayo/intshukumo yabanye abantu abangekho kwingxoxo.√ (2)

17.7 Ngumsebenzi wokuba iintsana ukuze babe nemali.√√ (2)

17.8 Sisiganeko sokubanjwa kwabo kumkhwa wokuba iintsana.√√ (2)

17.9 Lichanekile kuba ngokwale drama uMaGatyeni ubhekisa kwimeko angeniswa kuyo nguMamQhinebe yokuba iintsana, ethe kanti iza kumphulukanisa nokuhlala nabantwana bakhe ngokuthi abanjwe angafumani nemali ebeze kuyo.√√ (2)

17.10 Ndiyangqina kuba ngenxa yokuba eligwala uvumile ukuba iintsana ukuze afumane imali aphume endlaleni.√√/Watatazela xa ebuzwa lipolisa into eyabangela ukuba arhaneleke.√√ (2)

17.11 Yintlekele√ kuba umdlalo oyintlekele ubonakala ngokuthi ube neziganeko ezimanyumnyezi eziquka ukubulawa kwabantu nesiphelo esibi √ nalo umdlalo xa ulandela isakhiwana esihamba noMamQhinebe nobiwo lweentsana kuba ukufa nokubiwa kwabantwana okukhokelela ekohlwayweni kwabo.√

Yintlekele siyoliso√ kuba umdlalo oyintlekele siyoliso ubonakala ngokuthi ube neziganeko ezimanyumnyezi eziquka ukubulawa kwabantu kodwa ibenesiphelo esihle√ nakulo mdlalo xa ujonge isakhiwana sawo esikhokelwa yimpixano phakathi kukaSiqhiwu noMaqhikizane konke obekubambisa amazinyo kutshixizisa amazinyo ngokuxhatshazwa kwabantu kuyalunga xa uMaqhikizane ebanjwa batsho abantwana bawufumane umsebenzi.√ (3)

17.12 Ngumyalezo wokuba indlala mayingakwenzi uthathe izigqibo eziza kukufaka engxakini.√√/Ngumyalezo wokuba masikulumkele ukwenza izinto ezizakubangela sizisole emva kwexesha.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

## ISIHLOMELO A: IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE

## ICANDELO A: Irubriki yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO**<br><br>Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe<br><br>**6 AMANQAKU** | **5–6**<br>-Isihloko sitolikwe ngokunzulu<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe | **4**<br>-Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo<br>-Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe | **3**<br>-Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo<br>-Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle<br>-Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe | **2**<br>-Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo<br>-Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko<br>-Impendulo ibonisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe | **0–1**<br>-Akanalwazi kwaphela ngesihloko<br>-Impendulo ayikho mxholweni wesihobe<br>-Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>**4 AMANQAKU** | **4**<br>-Isakhiwo siyathungelana<br>-Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile<br>-Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela | **3**<br>-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala | **2**<br>-Bukho ubungqina besakhiwo<br>-Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo<br>-Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu | **1**<br>-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko<br>-Bukho ubungqina beziphene zolwimi<br>-Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga | **0–1**<br>-Isakhiwo sife amanqe<br>-Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga |

## ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI – INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **13–15** | **10–12** | **7–9** | **4–6** | **0–3** |
| **15 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile 14–15<br>-Impendulo ebalaseleyo 12-13<br>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi<br>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi | -Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu<br>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka<br>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga | -Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo<br>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko<br>-Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu<br>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi | -Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko<br>-Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo<br>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke<br>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi |
| **ISAKHIWO NOLWIMI** | **9–10** | **7–8** | **5–6** | **3–4** | **0–2** |
| **10 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo<br>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano<br>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu | -Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga<br>-Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene<br>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu<br>-Imihlathi ichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Izimvo azithungelelani kakuhle<br>-Iziphene zolwimi ziyabonakala<br>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga<br>-Imihlathi ineziphene | -Ukungabikho koyil o kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo<br>-Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo<br>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka |

**QAPHELA:** Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike u-0.

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha